AMAHEBHERE,
ISAHLUKO SESIBINI [1]

. . .?. . .ebelapha eklasini kwaye wayonwabela i. . . [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Kwaye ngoku iNcwadi yokuqala yamaHebhere, nguPawulos, sifumanisile, okanye siyakholwa. Abafundi ngezenkolo basekupheleni; abayazi yeyiphi kanye, okanye ngubani owayibhalayo Yona. Kodwa, ndiyakholwa, nabani onocalulwana oluncinci ebeyakubona yayinguPawulos. Ibi—ibikholelwe, sisininzi sababhali, ukuba nguPawulos. Nendlela athe yena . . .

2 Kwisahluko soku-1, sifumanisile ukuthi yayiphakamisa iNkosi uYesu. Owu, indlela ayizise ngayo ukuyihlisa, ukubonisa nga—ngamava awathi wabanawo kwindlela yakhe eya eDamasko. Ngoku, uPawulos waye, into yokuqala, owenene umfundi ngezenkolo. UPawulos wafundiswa phantsi koGamaliyeli, omnye wabangcono abahlohli balomhla. Kwaye wayehlakaniphile ekrelekrele, kwaye engumfundi weBhayibhile wenene onobuqili.

3 Kwaye ndafumanisa oku, xana wayesendleleni yakhe eya eDamasko, kunye neeleta epokothweni yakhe, ukuba ayokubamba bonke abo babekwesikelelekileyo indlela yeVangeli endala, kwaye indoda yayinyanisekile. Kodwa, ndibe ndisoloko ndikholwa ukuba kusukela uPawulos wabona uStefano esifa, ndicinga oko kunokwenzeka yafika ngqo ecaleni kwakhe. Xa wavumelanayo ekubulaweni kukaStefano, waze wagcina iidyasi zabo babemxuluba, ngoko uPawulos wayenetyala legazi likaStefano. Kwaye wavuma, wathi, "Andifanelekanga nokufaneleka," wathi, "ngokuba ndaphalaza igazi loWakhe—loWakhe, ofela inkolo, uStefano." Kuba, wakungqinela.

4 Kwaye ukuba ungqinela nayiphi into, unetyala nje njengomthathi nxaxheba wayo. Ke ukuba siyangqina, sithi, "Owu, ewe, bebengafanelanga bakwenzile oku, oku *nje- na-nje*," lumka ngoko ukutshoyo, ngokuba unetyala ngendlela ugwebo lwakho luya ngalo. Ukuba akunakho ukuthatha isigqibo, sukuthetha nto, yiyeke nje. Ngoko xa ungqina ukuba ungumKristu, ngoko unetyala. Yabona? Unetyala lokuba ngumKristu, kwaye kufanele uphilele kokuya. Kwaye xana uThixo esenza i—isithembiso eBhayibhileni . . . Ndibona indoda apha kwisitulo samavili. Xana uThixo enze isithembiso, Unetyala lesasithembiso ngaphandleni kokuba Usenza senzeke. Yena, uThixo unetyala xana Esenza isithembiso. Kwaye iZibhalo zinetyala zide Zizalisekiswe. Yabona? Zona zi—Zona ziphaya

kanye njenge—njengentetho athe wayenza uThixo. Kwaye kufanele Sizalisekiswe okanye uThixo unetyala. Yabona?

5 Kwaye ke uPawulos, ekubeni engumfundisi, kwaye esiza ngendlela yakhe eyehlela eDamasko ngala mhla, malunga, kude malunga nexesha lemini-emaqanda, ndiyaqikelela. Kwakukho ukuKhanya okukhulu okukhanyayo kusuka eMazulwini, kwaye Kwamfamekisa, waze wa—wawela emhlabeni. Kwaye wathi wayefuna ukwazi yayiNgubani. Wathi iZwi lathetha, lathi, "Sawule, Sawule, uNditshutshisela ntoni?" Ndiyakholwa isahluko sesi-8 zeZenzo.

Waze wathi, "UNgubani lo ndimtshutshisayo?"

6 Laze iZwi labuya, lathi, "NdinguYesu." Owu! "NdinguYesu, kwaye wenzakala ukukhaba iimviko nje." Kwaye wayeyintoni uYesu ngoko? UYesu, WayekukuKhanya, nje ukuKhanya okukhulu okukhanya ngokubengezelayo.

7 Ngoku ukusikhuthaza nokufumana isiseko apha. WayekukuKhanya njani Yena, xana WayeyiNdoda? Ngoku, akukho namnye . . .

Kwakukho igquba lamajoni kunye noPawulos, abagcini tempile, besehla ukuya kubamba. UPawulos wayengumphathi oyintloko. Kwaye babesehla ukuya kubamba abo bantu, ngenxa yemikhankaso yabo nanjalo njalo, nangenxa yethemba lenkolo yabo elalilele ngaphakathi kwabo.

8 Kodwa, ngoku, nanku uYesu njengokuKhanya okukhulu. Ngoku, ukuba niyakhumbula, ekuqalekeni, uYesu waye ekukuKhanya. UYesu wayenguLogos owaphuma kuThixo. Kwaye Wayeyi . . . WayeyiNgelosi yoMnqophiso eyakhokela abantwana bakaSirayeli ukunqumla intlango. Kwaye WayeyiNtsika yoMlilo ababejonge kuyo. Kwaye Waye . . . Kwaye xana Wayelapha emhlabeni, Wathi, "Ndiphuma kuThixo, kwaye Ndibuyela kuThixo." Ke ukuba Waphuma kwiNtsika yoMlilo, waba yiNdoda, ngoko ukuba Wabuyela emva apho Wayekhona, Wabuyela emva ekuKhanyeni kwakhona. Kwaye nankuya Wayephaya xana uPawulos waMbonayo, WayekukuKhanya.

9 Ngoku, onke loo masoldati ayekunye noPawulos akakubonanga ukuKhanya. Ngoko kunakho ukwenzeka ukuba omnye abenakho ukuKubona baze abanye bangayi kuKubona? Ngokuqinisekileyo. Kulungile. Yena, uPawulos, waKubona, kodwa abanye bonke babo abakubonanga ukuKhanya.

10 Ngoku, xana uPetros wayesentolongweni, siyafumanisa oku kuKhanya kwangena ejele, kwavula iingcango. Kwaye yena wa . . . Okwa kuKhanya kwamfamekisa abanye bonke abangabalindi, njengoko babephuma, uPetros esimka. Kwaye xana wafika emnyango, wazivulekela nje, ngokuzolileyo, wavaleka emva kwakhe. Ukusuka kwijele engaphakathi, waya kumnyanga wangaphandle. Wazivulekela ngokwawo, wavaleka ngokuzolileyo. Waze emva koko waya ethubeni,

waphumela waya estratweni sesixeko. Waze watyikitya amehlo akhe, ngokungathi uthi, "Ingaba bendiphupha?" Wayengayazi kwakwenzeke ntoni. Kodwa, iNgelosi yeNkosi, ekwanye iNgelosi eyayiyiNtsika yoMlilo eyasa uMoses elwandle yaze yaluvula, owu, kwaye uLwandle oluFileyo . . . uLwandle oluBomvu lwaba ludonga macala, waza uSirayeli wegqitha.

11 Kwaye xana befika kwiJordane ezeleyo, Akazange wazibonakalisa Yena phaya. Kodwa Wayephaya, kuba Wayivula nje. Baze bawela ngo Apreli, xana iintili zonke zizele ngamanzi. Kwaye Wayihlalisa intlakohlazo, Walihlalisa ikhephu linganyibiliki, kuba zange ibe ludonga oluphakame lwaphakama; yasuka nje yema. Lowo nguYehova wethu. Leyo yiNkosi yethu uYesu. Yesuka yema; baza bawelela kumhlaba owomileyo.

12 Ngoku, uThixo uthembisile ukuba Uyakubakhathalela, ke Wayebophelelekile kwisithembiso Sakhe. Ngoku, uPawulos, unolwazi ngezi zinto, kwaye ezazi zona, wayenenyhweba, ngokuba uThixo wayethetha ngqo kuPawulos. Wayengathethi kumasoldati awayenaye. Wayethetha kuphela kuPawulos.

13 Ngoku, xana i—xana iNgelosi yeNkosi yehlayo, kwimo yenkwenkwezi; baza abaqapheli-zinkwenkwezi, amadoda azizazi ase Indiya, xana, ayibonayo la Nkwenkwezi aze aYilandela amakhulu eemayile. Kwaye Yegqitha ngaphaya kwabajongi-zibhakabhaka, kuba babegcina ixesha ngeenkwenkwezi. Kwaye akukho namnye owayibonayo la Nkwenkwezi kuphela ngamadoda azizazi. Owu, bethu! Akwenzi mincili oko kuwe?

14 Ngoko, niyabona, uThixo akaqubisani nemibutho. Akaqubisani namaqela abantu. Uqubisana nomntu ngamnye. Uzityhila Yena kubantu ngamnye. Kwaye ngoku—ngoku ukutsho oku, hayi oku . . . UThixo uyayazi intliziyo yam. Kwaye hayi ukutsho oku ukwenzela isiqu sam, udumo olulolwam; ngoku, nje ukubaphaya. Kodwa, ingaba niyayazi, ukuba la Thixo okwamnye, la Yesu ukwamnye, unathi ngale ntsasa? Ingaba niyayazi, ngamnye wenu unobuncinci, ubungqina bomntu ngamnye bako kanye ngoku, bokokuba Ulapha? Kwaye u . . . Usenzele into ethile kulo mhla angathanga Wayenza kweminye imihla; Wenze uMfanekiso Wakhe wafotwa kulo mhla. Sinawo Wona ujinga kanye *phaya*. Yabona? INtsika yoMlilo, iNkosi uYesu ekwanye.

15 Qaphela indlela Asebenza ngayo ngoku. Ukuba UseyiNkosi uYesu ekwanye, Uyakwenza izinto ezikwazinye, kuba iBhayibhile itshilo, "Nguye izolo, namhlanje, naphakade."

16 Ngoku, phambi kokuba uPawulos abhengeze nantoni, nokuba lena yayilungile okanye ingalunganga, kuqala wehla waya eYiphutha wachitha iminyaka emithathu, ukuya kufumanisa ukuba yayingokweSibhalo okanye hayi. Ingaba

nakhe nayazi lonto? Emveni kwenguquko kaPawulos, waya eYiphutha kangangeminyaka emithathu. Phaya wahlala, kwaye phaya kulapho wafundayo obu bulumko bukhulu.

17 Ngoku, hayi nakokuphi ukuthelekisa, ndininika nje indlela uMoya oyiNgcwele osahleli ngayo ukwamnye. Ngoku, ibandla lam apha liyakhumbula, iminyaka eyagqithayo, xana le Ngelosi ibiyakuvela kwaye ibonise izinto. Ndandinesikrokrwana ngaYo. Nonke kuni niyakwazi oko, nina bomadala. Ukuba ni...Ukuba oko kunjalo, phakamisani isandla senu, xana nevayo. Ehe. Jongani, jongani ebandleni, noko, ukusuka koomadala. Yabona? Ndandikrokra, ngokuba abashumayeli bandixelela Yayiyeyedemoni. Kwaye ndaba nokuyikholelwa, kodwa ndalinda. Ndandingayi kutsho kwanto malunga naYo.

18 Kodwa, owu, malisikelelwe iGama leNkosi! Ngobunye ubusuku, ngaphaya, Wehla weza, iNgelosi, yaza yaYityhila eZibhalweni, ukuba yayiNguye. Kwaye xana ndaYibonayo eZibhalweni, emva koko ndaqushumbisa ukunqumla ihlabathi ngaYo, uMyalezo.

19 Ukusukela phaya kwaphuma u-Oral Roberts, A. A. Allen, Tommy Osborn, Tommy Hicks, nangaphezulu. Yabona? NguMyalezo usiya ebantwini.

20 Kwaye uYesu nguye izolo, namhlanje, naphakade. IngokweSibhalo, Usenguye. Wenza okukwakunye. Usenguye. Kwaye Usebenza okukwakunye. Uzibonakalisa Yena ngokukwakunye. Kwaye Ulapha, ngale ntsasa, okwamnye. Ngoku singaMbona; singangabinakho. Nantoni eyiyi, sinobugqina kanye ngoku bokuba Ulapha.

21 Ngoku, siyafumanisa ngoku ukuba, uPawulos, phezu kwala mava, kwaye ekubhaleni ezi leta, ezininzi zazo, ukusuka ejele, wayeyithelekisile Endala neTestamente Entsha. Ngoku khumbulani, umbhali wokugqibela waleBhayibhile, ngentumakelelo, uThixo wehla wamxelela, "Ukuba nawuphi umntu uyakongeza nantoni kuYo okanye asuse nantoni kuYo, kwalonto iyakususwa kwisabelo seNcwadi yoBomi, kuye." Ke asimele kongeza nanye into kuYo. Owu, Ifanele ihlale njengoko Injalo, akufuneki nanto yongezwayo kuYo. Kwaye kufuneka sanele yiyo yonke into ekuYo. Andifuni kumbi, kwaye andifuni nakunye okunganeno. Ndifuna nje oko Ikutshoyo.

22 Ngoku, leNcwadi yamaHebhere, isizathu ndikhethe Yona; injongo enye, into enye; le leta, "Mzalwana uBranham othandekayo," nanjalo njalo. Kwaye, mna—mna, sifuna ukuhlala neLizwi.

23 Ngoku, isahluko soku-1, sasiphakamisa uYesu, ke ungoYena Ubalulekileyo. Kwaye uPawulos uyasazisa, ngobunye ubusuku, ukuba Wayekho ekuqalekeni okukhulu. Kwaye sifumanisile ukuba Wayengento engaphantsi kuno "Melkitsedeki, uKumkani weSalem," iNgangalala yesahluko sesi-7.

24 Kwaye ngoku, ngale ntsasa, sisondela kuYe ngenye—ngenye indlela yokuqwalasela, ukusuka kwisahluko sesi-2. Ngoku, emva kokuba uPawulos esinike lona mkhulu, umangalisayo uMyalezo, wokuphakamisa uYesu, "Kwa nokwenza iiNgelosi zimnqule Yena." Kwaye ndicinga, ngapha, njengomhlaba, indlela omdala ngayo: "Kwaye njengesambatho Uyakuyisonga, kodwa ziyakutshabalala, kodwa Wena uyakuma umi."

25 Kwaye ngaphaya kwisahluko sesi-2, okanye, umqolo wesi-2, ndiyakholwa nguwo, "Uthethile Yena kulemihla kuthi ngoNyana Wakhe." Kwaye, jonga, "Kumaxesha amandulo nangeendlela ezininzi Wathetha ngabaprofeti." Sigqithile saza safumanisa yayiyintoni abaprofeti, kwanendlela uThixo Awazisa ngayo uMyalezo Wakhe ngabaprofeti. "Kodwa kulo mhla wokugqibela Uthethe ngoNyana Wakhe, uYesu, ngoMoya oyiNgcwele. Wathetha ngabaprofeti, ngoko." Ngoko sibuyele emva saza safumanisa, bonke abo baprofeti babenoMoya kaKristu kubo.

26 Sibuyele emva kuYosefu saza safumanisa wazekelisa uKristu ngokugqibeleleyo. Saya emva kuMoses saza safumanisa wazekelisa uKristu ngokugqibeleleyo. Ngoko siyehla ngoko siye nakuDavide. Kwaye xana uDavide wayeliwe eYerusalem, engazi kutheni, kodwa wenyukela ngaphaya kwenduli waza wakhangela emva, eNtabeni yeMinquma, walila phezu kweYerusalem ngokuba wayeliwe. Amakhulu asibhozo eminyaka kusukela ngoko, uNyana kaDavide waliwa njengoKumkani, eYerusalem, kwaye wahlala kwindulu ekwanye walila. Owu, uMoya kaKristu, uqubisana nabantu ngamnye!

27 Ngoku, UPawulos uyaqalisa, ukuthi:

> *Ngenxa yoko simelwe kukuzinyamekela ngokugqithiseleyo izinto esazivayo, . . .*

28 isahluko sesi-2, ngoku, siyaqalisa.

> *Ngenxa yoko simelwe kukuzinyamekela ngokugqithiseleyo izinto esazivayo, hleze . . . nangaliphi ixesha siziphuncule.*

29 Owu, wanga uThixo angangenisa okuya kulomnquba ngale ntsasa. Ndiyathandaza uMoya oyiNgcwele uyakwehlisela okuya ezintliziyweni zenu nzulu kakhulu. "Simelwe kukuzinyamekela ngokugqithiseleyo izinto esazivayo." Loluphi uhlobo lwabantu esifanele sibe ngabo, xana sibona uYehova omkhulu esehla kwaye esenza izinto Azenzayo, kwaye sibone zona zingqamana, iSibhalo ngeSibhalo, okokuba ziyiNyaniso? Size sihlale ngamanye amaxesha njengenxagu esikhunini, kwaye nje sibe ngabona bangakhathaliyo. Sifanele sixakeke, wonke umzuzu, sizama ukuzisa abantu kuKristu. Sifanele sibe ngamatye aphilileyo. Akufanele sibengamavila njengoko sinjalo. Siyakunyuka siye ebandleni, kwaye siyakubona iNkosi uYesu isenza into ethile, okanye—okanye isisikelela ngeyona ndlela,

kwaye emva koko siya—siyakubuyela emva siphume size sithi, "Omnandi kakhulu umhlangano."

30 Ngoku, ukushunyayelwa kweLizwi, siyalonwabela, kodwa oko asiyiyo eyona nto. Asiyiyo. Asifanele sinqule iNkosi nje emva kokuba sigqibile ukushumayela iLizwi, njengoko siqhele ukwenza, nje ukunqula Yena. Oko kuhle kakhulu. Kodwa kufanele simnqula Yena yonke iyure yobomi bethu. Xana sisemsebenzini, kufanele sinqula Yena. Lonke ixesha ithuba liziveza, nqula iNkosi ngokungqina ngaYe.

Ukuba uyabona, abanye benu manenekazi, nibona umfazi engalunganga, nqula iNkosi ngokumthabatha yena uze uthi, "Dade, kukho ubomi obungcono kunobu."

31 Nina madoda emsebenzini wenu, xana nisiva indoda isebenzisa iGama leNkosi ngelize, fumana ithuba ecaleni uze utyekele ngaphaya, uze uyithabathe ngesandla, uthi, "Wena, kukho ubomi obungcono kunobu. Akufanele usebenzise loo mazwi." Uze uyixelele ngenobulali, nobubele indlela. Zonke ezo izinto lunqulo.

Kwaye xana sibona umntu othile ogulayo, aze ugqirha athi akukho nto yimbi enokwenziwa, sifanele sinqule iNkosi ngokubaxelela, "Kukho uThixo weZulu ophendula umthandazo."

32 Kuze emva koko xana sibona ezo zinto zisenzeka, esizibona zisenzeka kwaye zisenziwa, asifanele sivumele ezo zinto ziphucuke. Siyayiyeka nje igqithe ngeminwe yethu. Yilonto iyingxaki kunye nebandla elikhulu lePentekoste namhlanje. Bayeke olona cwambu lwesivuno luphuncuke eminweni yabo, xana babenalo ezandleni zabo. Kodwa, jonga abakwenzileyo, benze njengamanye amabandla. "Babaleke kwiphik-. . . kwindlela kaKorah, baze batshabalala; nendlela kaKayin, baze batshabalala kwiphike likaKorah."

33 Bazenze umbutho. Endaweni yokuba nobuzalwana apho sonke sinokubabanye, bazenze umbutho. Benza imibutho emincinci kunye ne isms ezincinci, baza baxhuma phaya baze baqhekeza ubuzalwana. Kwaye ukuba aniqapheli, amaBhaptizi namaRhabe aza kuyichola, kuba, "UThixo unakho kulamatye ukuvelisela abantwana u-Abraham." Kwaye siyi—siyiyeke yaphuncuka ezandleni ngokungamanyani.

34 Aphuncukana njani amaNdiya nelilizwe kumntu omhlophe? Kungokuba ayengamanyananga. Ukuba babenze isithintelo esikhulu esinye. . . Kodwa babesilwa omnye phakathi komnye. Ngebabanakho ukuma banganikezeli ukuba babenokuba bahlangane kunye.

35 Sizakuphuncukana nayo njani? Ngokuba asimanyenanga. Siphuncukana njani namava ethu ngoThixo, kungokuba asimanyenanga. Sibeka omnye, size sibize *oku* i—iWisile, na*lena* iBhaptizi, na*lena* i-Assemblies, na*lena* Ubunye, na*lena*

into *ethile-thile*, kwane bandla likaThixo, namaNazarene, iPilgrim Holiness. Sahlukanisa uMzimba kaKristu. Akufanele sahlukane. Singahluka ngeembono, kodwa masibe ngabazalwana abantliziyo-kwi-ntliziyo. UThixo ufuna sibe njalo. Wafela iBandla lonke likaThixo. Kwaye asifuni kuba ngahlukeneyo.

> Ngoku *simelwe kukuzinyamekela ngokugqithiseleyo izinto esazivayo*. . . hleze *nangaliphi ixesha siphucukane nazo.*
>
> *ukuba ilizwi elathethwa ngezithunywa zezulu laqina,* . . .

36 Niyayiva Yona? "Ukuba ilizwi elathethwa ngezithunywa. . . " Ngoku *isithunywa* "ngumthunywa." Igama *isithunywa* lithetha "umthunywa." Kwaye sisandula kugqitha, kwincwadi yoku-1 apha, "UThixo, kumaxesha akudala nangeendlela ezininzi, wathetha koobawo ngabaprofeti." Oko yayingabathunywa bakaThixo. Kwaye babe, ukuba babengabathunywa bakaThixo, babezizithunywa zikaThixo. Umthunywa sisithunywa; okanye isithunywa ngumthunywa, gxebe.

37 Umthunywa! Ungumthunywa, ngale ntsasa. Ungu. . . Ungumthunywa weendaba ezilungileyo okanye umthunywa weendaba ezingalunganga. Owu, ingaba ayikho ntle, ukwazi ukuba singabameli, okokuba sizizithunywa, abathunywa bovuko? Kwaye singabathunywa bakaThixo kwihlabathi eligcwele isono, okokuba uKristu uyaphila. Ezintliziyweni zethu, Uyaphila. Emoyeni wethu, Uyaphila. Kwaye Usisusa kobuphantsi ubuxumbululu bobomi besono, aze asiphakamisele phezulu, kwaye usinika u "haleluya" emphefumlweni wethu, aze asenze izidalwa ezitsha. Singabathunywa, izithunywa zoMnqophiso. Imangalisa kanjani!

38 Kwaye ngoku, kwiTestamente Endala, "Ukuba—ukuba ilizwi elathethwa zizithunywa zezulu laqina," ngala ndlela kwafanela lilunge. KwiTestamente Endala, phambi kokuba ilizwi lomprofeti lingabonakaliswa, kwakufuneka liphononongwe liqinisekiswe. Babengekho yengeyenge ngayo, njengoko sinjalo namhlanje.

39 Phuma uhambe nje uze ube nawo nawuphi umzwa, okanye nantoni na engenye, "Owu, uzuko kuThixo, injalo!" Uyaphazama.

IBhayibhile itshilo, ukuba, "Kwimihla yokugqibela, umtyholi uyakulinganisa ubuKristu, ngokusondele kakhulu, de ibe iyakulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba kunokwenzeka." Injalo lonto. Ke, kufanele siyivavanye.

40 Kwaye babeyivavanya njani kumhla wabo? Kwi Urim Thummim. Isigcina sifuba sika Aron, esasinaloo matye kuso: ilitye icarbacle, iyaspire, idayimane, ilitye elibomvu,

isafire. Onke loo matye, amele ukuzalwa kwalamaqhawe alishumi elinambini, ayekwisingcinasifuba sika Aron. Kwaye xana umprofeti eprofetile, kuze okwa kuKhanya kungcwele kudanyazaye phezu kwaso, uThixo wathi, "Leyo yiNyaniso." Kodwa, akukhathaliseki ikhangeleka iyeyenene kanjani, ukuba ayidanyazanga kokuya, yayingeyoNyaniso. Ke, la Urim Thummim yahamba nobabubingeleli.

41 Kodwa leBhayibhile yi Urim Thummim kaThixo namhlanje. Kwaye xana umprofeti eprofeta, ifanele ngenene idanyaze kunye neBhayibhile. Ngoko, uThixo uthi, emva koko uyehla aze ayiqondakalise Yona.

42 Owu, indlela endinokuzukisa ngayo uThixo namhlanje! Ndicinga emva ngenye intsasa yeCawa, malunga nokufana noku, xana ndandishiya umnquba. Kwaye nina bantu nanilila kwaye nindicela ukuba ndingahambi. Kodwa, xana, ndashumayela kuDavide noGoliyathi, nendlela enizakujongana neliya libandayo, lingaqinisekanga ihlabathi elithi le mihla yemimangaliso igqithile.

43 Ndathi, "Kukho ingxilimbela enye enkulu, kwaye kwamsinya njengoko sinokuyibulala, abanye babo bayakukhuthazeka." Kwaye iNkosi yakunikeza oko. Kwaze emva koko kwabakho u-Oral Roberts kunye noJaggers, nanjalo njalo, bakhupha iKrele, saza salilwa utshaba salikhupha elizweni, savala imilomo yabo. Abanakutsho ukuba imimangaliso ayenzeki, kuba nantsi ikhona. Ngokuqinisekileyo. iLizwi likaThixo linguNaphakade. Lidanyaza kwi Urim. Ladanyaza kwiLizwi, leyo yi Urim Thummim Yakhe. Kwaye xana yadanyaza kOkuya, yayilungile.

Kwaye kuye nabani onesidingo, ukuba ungumoni, ufuna ukwazi indlela yokusindiswa, "Kholwa kwiNkosi uYesu Kristu."

44 Namhlanje, sinezinto ezininzi okufanele uzenze. "Kufuneka utyhile iphepha elitsha. Kufanele wenze *oku* kwaye wenze n*okuya*, ukuze usindiswe."

Ndicinga ngomgcini mabanjwa womFilipi, xana lomgcini mabanjwa wabuza uPawulos, "Ndenze ntoni na ukuze ndisindiswe?"

Ibiyakuba nguwe okanye mna, besiyakumxelela izinto *ekunga*fanele azenze. "Kufanele uyeke ukusela. Kufanele uyeke ukungcakaza kwakho—kwakho. Kufanele uyeke *oku*. Kufanele uyeke *okuya*."

UPawulos zange amxelele okuya. Wamxelela nje izinto *afanele* azenze. "Kholwa kwiNkosi uYesu Kristu, kwaye uyakusindiswa."

45 Ngoku, "Lowo uwevaya aMazwi aM kwaye akholwe kuYe lowo waNdithumayo unoBomi obungunaphakade."

Leyo yiUrim Thummim idanyaza, uYohane oNgcwele 5:24. "NdiyiNkosi ephilisa zonke izifo zakho." UYakobi 5:14, "Biza amadoda amakhulu, bathambise nge oli, umthandazo wokholo uyamsindisa ogulayo." I-Urim idanyaza. Yabona? Elo liLizwi likaThixo elinguNaphakade.

46 Andikhathali bangaphi abangakholelwayo kubukho bukaThixo, ongakholwayo, ongakukholelwayo kokungabonakaliyo, abakrokri bayavuka. UThixo Uyakuma ecaleni kweLizwi Lakhe. Uthembisile Uyakuyenza.

47 "Kwaye simelwe kukuzinyamekela ngokugqithiseleyo izinto esazivayo, hleze nangaliphi ixesha siphucukane nazo. Kuba ukuba ilizwi elathethwa ngezithunywa (abaprofeti) laqina . . . " Ingaba babenjalo? Singachitha iveki koku.

48 Laliqinile na xana uMoses wathethayo? Ngokuqinisekileyo lalinjalo.

Kanjani ngo Eliya, ehleli phezulu kumphezulu wentaba? INkosi yamxelela, "Nyukela phaya, Eliya. Ndiyakuhlala phaya nawe; ndifuna ubudlelwana." UThixo uyathanda ukudlelana nabantu Bakhe. Kodwa asiyi kuma sizole ixesha lide ngokwaneleyo ukuze Yena adlelane nathi. Sixakeke kakhulu sixhumaxhuma, ukusuka kwindawo ukuya kwindawo, nakangako. "Hlala uzole, Eliya." Wayefuna iminyaka emithathu neenyanga ezintandathu zobudlelwana. Asinakho nokumnika Yena imizuzu emithathu, kunzima. Iminyaka emithathu neenyanga ezintandathu zokudlelana okoko. Owu, ndiyakuthanda okuya! Wathi, "Ungabinaxhala malunga nokupheka; siyakubanakho okuya sele kulungisiwe. Amahlungulu azakukondla. Kwaye yonke into izakulunga. Ndifuna nje ubudlelwana." Lo mprofeti mdala, u-Eliya, ehleli phezulu phaya kumphezulu wentaba, ngelixa wayedlelana noThixo, kutheni, watsho umphathi, "Ndiyakholwa ndiyakunyukela ndize ndimfumane." Ngoku, ungaze uzame ukuqhawula oba budlelwana.

49 Ke, umphathi wenyukela, kunye nomkhosi omkhulu wakhe wamadoda, wamashumi amahlanu. Waze wathi, "Ndi—ndi—ndize kukuthatha, Eliya."

50 Kwaye u-Eliya waphakama. Qaphela, nanku umprofeti weNkosi! Wathi, "Ukuba ndisisicaka seNkosi, makuze umlilo usuka ezulwini uze unidle." Kwaze kwehla kweza umlilo. Umphathi wathi . . .

51 "Owu, niyazi intoni?" Ukumkani, gxebe, wathi, "Oko mhlawumbi ibiyi—ibiyindudumo, nje umbane othile ugqitha nje ngaphezulu, kwaye wababetha. Ndiyakuthumela amanye amashumi amahlanu."

52 U-Eliya waphakama, omnye wezithunywa, ilizwi laso liqinile. Kwafanela abe yimbuyekezo yako konke okwakwenziwe ngokungalungile. Wathi, "Ukuba ndisisicaka seNkosi, mawuze

umlilo." Kwaye awesibini amashumi amahlanu atsha. Kulungile. Yonke imbuyekezo!

Kuba ukuba ilizwi elathethwa zizithunywa laqina, kwathi konke ukugqitha nokungeva *kwamkela umvuzo oyeleleneyo . . .*

53 Ngoku, nantsi into enkulu, umqolo olandelayo.

Siyakusinda njani, . . .

54 "Siyakusinda njani?" Ukuba ilizwi lika-Eliya lazisa intshabalalo, ngokuba wayesisithunywa seNkosi, siyakusinda njani xana iZwi likaKristu lithetha? Okanye, singasilela njani xana uthandazelwe, ukuba LiZwi likaKristu? Ukuba uKristu wabeka iBandla Lakhe ukuba lithandazele abagulayo, kwaye iBandla lenze oko Akutshiloyo U . . . bona mabakwenze, ngoko Lingathini na ukusilela? Alinakho. Ungasilela, kodwa Alinakusilela. Kwaye oko nje uLigcina, Liyakukuthwala.

55 Ukuba uyasilela, uyazisilelela. Uthe wemnka nje eLizwini. Kodwa oko nje uhlala neLizwi, Alinakusilela. Kuba ilizwi labaprofeti lenza *nje-na-nje*, kubekiselaphi liyakubangaphezulu iLizwi likaKristu?

Siyakusinda njani, ukuba siluhilizele usindiso olungakanana; lona lwaqalwa ukuthethwa kuthi *yiyo iNkosi, lwaza lwaqiniselwa kuthi ngabo bayivayo;*

56 Cinga ngaLo, lathethwa yiNkosi. Mangaphi amatyeli besinokubuyela emva? Kuphi apho singema khona, kanye apha okweyure? Xana uYesu wafika, Usenguye izolo, namhlanje, naphakade.

57 Ngoku, khumbulani, kuqala laqalwa lathethwa nguYesu, Buqu, kwaze emva koko laqiniselwa ngabo bamvayo Yena. Ngoku phulaphulani kuYe.

58 Xana Wezayo emhlabeni, Akazange wabanga ukuba ngumphilisi. Wathi, "AsindiM owenza imisebenzi; nguBawo waM ohleli kuM. Yena wenza imisebenzi. UNyana akanakwenzanto ngoKwakhe, kuphela oko ABona uYise ekwenza," uYohane oNgcwele 5:19.

59 Qaphela xana uFilipu weza kuYe. UNathaniyeli . . . Emveni kwenguquko kaFilipu, waya ngaphaya wafumana uNathaniyeli. Wathi, "Yiza, bona Lowo simfumeneyo: UYesu waseNazarete, uNyana kaYosefu."

60 Waze wathi, "Ingaba ikhona na into elungileyo enokuphuma eNazarete?"

61 Wathi, "Yiza, ubone." Leyo yindlela yokweyiseka: yiqondakalise Yona. Yiza ubone. Owu, oko kokungcono endakhe ndakuva. Yiza uzibonele. Sukuma nje ugxeke ecaleni, kodwa, "Bonakalisa zonke izinto, kwaye ubambelele koko kulungileyo." Yiza ubone.

62 Endleleni baya, bethetha. Xana wenyukela eBukhoneni beNkosi uYesu, Yathi, "Nanko umSirayeli ekungekho nkohliso kuye."

63 Yasusa lonke ufele kuye, phantse. Wabhekabheka, wathi, "Ke, Rabhi, Undaze nini? Akuzange wandibona. Undazi njani wena Mna?" Wathi uFilipu . . .

64 "Ngaphambili, xana wabizayo . . ." Yathi, "Ngaphambi kokuba uFilipu akubize, izolo, xana ubuphantsi komthi womkhiwane, Ndikubonile." Amen.

65 Wathi, "Wena unguNyana kaThixo. UnguKumkani kaSirayeli."

66 Umfazi waya eBukhoneni Bakhe, Yathi, "Hamba, ubize umyeni wakho."

Wathi, "Andinaye."

67 Yathi, "Kunjalo oko. Ubunamahlanu, kwaye lena uhlala nayo ngoku asiyoyakho. Uxele inyani." Yicinge.

68 Wathi, "Mhlekazi, ndiyabona ukuba Wena ungumProfeti. Kuba, siyazi ukuba xana uMesiya efikile Uyasikutyela zonke izinto."

69 Wathi, "NdinguYe, lowo uthetha nawe."

70 Kwaye wabaleka waya kuxelela amadoda esixeko, "Yizani, nibone iNdoda Endixelele zonke izinto endizenzileyo. Asingebi lo nguMesiya?" Yayithethiwe yiNkosi.

71 Kwenzeka ntoni? Wathi uYesu, ngaphambi kokuba Amke, "Izinto endizenzayo Mna, niyakuzenza nani." Injalo lonto? "Izinto endizenzayo Mna niyakuzenza nani, kwa nezingaphezulu kunezi, kuba Ndiya kuBawo." Owu, ndingababona njengoko besiya, ndaweni yonke. UMarko 16, "Baya kuyo yonke indawo, beshumayela; iNkosi isebenza nabo, iqinisela iLizwi."

Kwaye apha, uPawulos, enikeza into ekwanye. Watsho ukuba i—iVangeli yaqala ukushunyayelwa nguYesu, kwaye laqiniselwa kuthi ngabo bamvayo Yena. Elo liLitye leSiseko. Owu, malibongwe iGama leNkosi! Elo liLitye leSiseko.

72 Kwaye cinga, amawaka amabini eminyaka agqithile. Abangakholelwayo kubukho bukathixo bavukile, nabangakholwayo, nabakrokri, nabangakholelwayo kokungabonakaliyo. Kodwa, namhlanje, laa Yesu mnye uliqinisele iLizwi Lakhe ngendlela ekwanye ngabo baMvayo. "Mveni Yena," akathethi ukuva nje intshumayelo. Kuthetha, mveni *Yena*. Ewe.

73 Siyakusinda njani? Kuphi ukusinda kwethu? Owu, uthi, "Makasikelelwe uThixo, ndingowebandla iWisile. NdingumRhabe. NdingumPentekoste." Oko akunayo nenye into yakwenza naLo. Kwaye uba kumgca osecaleni uze ufune

ukubiza Lona "imimoya, okanye ufundo oluthile lwengqondo, okanye umtyholi othile," okanye into ethile. Usizi kuni!

74 "Ukuba lonke ilizwi lenziwa laqina ngezithunywa zezulu . . . " Wathi uYesu, "Asi . . . Ithutyana elincinci, lize ihlabathi lingaNdiboni. Kodwa, nina niyakuNdibona, kuba Ndiyakuba nani, nangaphakathi kwenu, kude kube sekupheleni kwesigaba." Kwaye xana sibona Yena esehla, ukuza kuqhubeka eqinisela iLizwi Lakhe, siyakusinda njani ukuba sincamathele kwibandla elithile, okanye umbutho othile, okanye ihlelo, okanye intandana yolwazi lwengqondo yethu? Kungcono uzihluthule. "Kuba sonke isono samkele imbuyekezo eyeleleneyo phantsi kwezithunywa, kobeka phi ukuba ngaphezulu xana uNyana kaThixo ethetha eMazulwini, ukwenza iLizwi Lakhe libonakale! Siyakusinda njani, ukuba sihilizela usindiso olungakanana?" Owu, bethu! "UThixo kananjalo . . . "

umqolo wesi-4:

UThixo ngokunjalo ebangqinela, . . .

75 Qaphela oku. INkosi yangqina. Owu, ndivuya kakhulu ngokuya! INkosi yangqina.

76 Jonga. Xana u-Eliya wahlala endulini, kwaye wathi, "Ukuba ndiyindoda kaThixo, mawuhle umlilo uphuma eZulwini unidle." UThixo wangqina ukuba *waye*yindoda kaThixo.

UThixo usoloko engqina. Ubomi bakho buyakungqina. Andibazi buyintoni ubungqina bakho, kodwa ubomi bakho buthetha kakhulu, izwi lakho alinakuviwa. Kodwa, i—impilo yakho, ubomi bakho bemihla ngemihla buyakungqina into oyiyo. UThixo unobungqina. Ewe. uMoya oyiNgcwele litywina, kwaye itywina lithatha amacala omabini ephepha. Bayakubona umile *apha* baze bakubone xana usimka. Hayi kuphela ebandleni kodwa emsebenzini wentsuku zonke. Utywiniwe macala omabini, ngaphakathi nangaphandle. Ngovuyo onalo, nangobomi obuphilayo, utywiniwe, ngaphakathi nangaphandle, okokuba wazi ukuba usindisiwe nehlabathi liyayazi usindisiwe, ngobomi obuphilayo, kuba uThixo uyangqina. Malisikelelwe iGama Lakhe eliNgcwele! Bethu, ndiziva ndingonenkolo!

77 Cingani ngayo, bazalwana, phaya. Owu! "Izimvu zaM ziyaliva iZwi laM, kwaye ongaziwayo aziyi kumlandela." Owu, indlela amagama ethu asezintendeni zezandla Zakhe! Liphambi Kwakhe, imini nobusuku. ILizwi Lakhe lisoloko liphambi Kwakhe, iSithembiso Sakhe. Akanakuyilibala. Kwaye Uyakuthanda.

78 Ngoku, Uyakungqina ngaBakhe Yena. Akuvuli mlomo wakho uthethe ilizwi, ihlabathi liyakuyazi into ethile yenzekile kuwe.

> . . . enabo *ubungqina, ngemiqondiso kwanezimanga, nangemimangaliso emininzi, nezipho zikaMoya oyiNgcwele, ngokwentando yakhe?*

79 Masithabatheni nje iSibhalo sibe sinye ngoku phambi kokuvala; kuMhla wePentekoste, xana bamkela uMoya oyiNgcwele. Malunga neentsuku ezine kamva, uPetros wayegqithile kwisango elibizwa Lihle, yena noYohane. Bathi, "Jonga kuthi," kwindoda. Kwaye wathi, "Isilivere negolide andinayo, kodwa endinako ndiyakukunika. EGameni likaYesu Kristu waseNazarete, phakama uhambe." Yaze indoda yakhangela phezulu kwaye zange ibuze nto malunga nayo. Yaphakama nje yemka yahamba. Babengenalwazi kwaye bengamandoda angenamfundo. Kodwa iBhayibhile yathi, "Kwakuneka babagqale, kuba bayazi ukuba babekhe banaye uYesu."

80 Mzalwana, xana ihlabathi lisazi ukuba ubukhe wanaye uYesu, xana unokuphila obunjalo ubomi obungakrexezwanga kwelihlabathi lanamhlanje nakobubumnyama, ukuba ihlabathi likwazi kwaye libe nokukubona ukuba ubukhe wanaye uYesu, xana elidlakadlaka, elidala ihenyukazi elikrwada lestrato linokuba linenekazi, lihlanjwe eGazini leMvana, UThixo uyangqina ukuba Yena uyaphila.

81 Thatha inxila, eliphantsi kakhulu kangangokuba liyakumrhaqazela umfazi walo, kangangokuba liyakuphatha abantwana balo kakubi, lize lithathe ukutya etafileni, ukuze likuchithe kwihenyukazi. Yenze lihlangane noYesu kube kanye, uyakuyibona ibuyela, njengoMkhosi, owayesezingqondweni zakhe waze wanxiba, ibuyele ezintsaneni zayo nakumfazi wayo nakwabayo ebathandayo. Ngokuqinisekileyo.

82 Ngelinye ixesha eligqithileyo, malunga namashumi amane eminyaka eyagqithayo, xana iinkolo zehlabathi zahlangana, zaze ezahlukileyo zema zathetha. Kwaye umMohamedi wathethela inkolo yobuMohamedi. AmaJains athethela amaJain; amaBhuda athethela uBhuda. Kwaye xana ugqirha omncinci, ndilibele yayingubani ifani yakhe, kanye ngeli xesha, bendilazi igama lakhe, kodwa ndililibele, wathetha ukumela ubuKristu, kwaye waxela ibali leNenekazi uMaccabee wase Oklahoma, eMerika.

Lalikrwada kakhulu kwaye liphantsi kakhulu, de naxa babesiya kulibulala, babengenakho nokubeka izandla zabo kulo, wayekrwada kakhulu kwaye engcolile. Benza ukuba abanjwe kwityala: ukutshaya isiga; ukuqhuba inqwelo etsalwa ngamahashe; kwaye wophula i—i—imithetho, okubhaliweyo kwase Oklahoma, xana wegqitha ngestrato, eqhuba amahashe amane. Kwaye wayengcolile kakhulu emdaka kakhulu de abahlali bangabinakho nokusondela kwindawo awayekuyo; kangangokuba, de xana umxhomi wayezakumxhoma,

babengayi kumxhoma. Bagalela nje itela neentsiba kuye, ukuze bambulale.

Kwaye xana lomshumayeli mncinci enika ibali lakhe, ngenjalo indlela, de wenza abantu bahlale ekupheleni kwezitulo zabo, bephulaphule ukuba izakubayintoni elandelayo. Xana efika ezantsi kokuya: ongcole kakhulu, omdaka, ophantsi, de umthetho ungafuni kubhanxa ngaye, wayephantsi kakhulu. Oyena mtyholi wasesihogweni uyakumala onjeya umntu, phantse, indlela awabalisa ngayo ibali. Waze wathi, "Manene eenkolo zehlabathi, ingaba inkolo yenu inayo nayiphi into enokucoca izandla zeNekakazi uMaccabee?"

83 Wonke umntu wahlala wazola. Emva koko waqhwaba izandla zakhe zombini, waxhumela phezulu emoyeni. Wathi, "Uzuko kuThixo! IGazi likaYesu Kristu aliyi kucoca kuphela izandla zakhe, kodwa Liyakucoca intliziyo yakhe kwaye limenze abe nguMtshakazi Wakhe." Ndiyakuxelela:

Ubabalo olumangalisayo! esinjani ukubamnandi isandi,
Olwasindisa usizi olufana nam!
Ndandilahlekile, kodwa ngoku ndifunyenwe,
Ndandiyimfama, kodwa ngoku ndiyabona.

Lubabalo olufundise intliziyo yam ukoyika,
Yayilubabalo uloyiko lwam lwasuka;
Obungakanani ubuhle bokubonakala kwala nceba
Iyure endaqala ndakholwa ngayo!

84 Ngokuqinisekileyo. "Siyakusinda njani, ukuba sihilizela engako?" Akukhathaleli ukutya, uyakufa. Akukhathaleli ukujika idolo, uyakutyoboka. Akukhathaleli ukusenga inkomo, iyakoma. Akukhathaleli amazinyo akho, uyakubangela akhutshwe onke. Ngokuqinisekileyo. Uyahlawula ngokungakhathali kwakho.

85 Owu Mnquba kaBranham nani batyeleli, mandinixelele into ethile ngoku. Anikhathaleli ukungqina uzuko lukaThixo, anikhathaleli ukunika uThixo udumo nozuko, niyakuzifumana nibanda, abasesikweni, kwaye niwile, ngenye yezi mini. Nikani uThixo udumo. "Siyakusinda njani, ukuba sihilizela olungakanana usindiso?"

86 Kuba semva kwexesha. Ndisandula kuqaphela nje uMzalwana uThom, othe wangena emva phaya. Siyakuvala size siqhubeke noku ngobu busuku, iNkosi ithandile.

Masithandazeni nje umzuzu.

87 Bawo wethu waseZulwini, kuWe makube ziintsikelelo, nemibongo, nembeko, nozuko, nobulumko, nokomelela, namandla, naphakade. Owu, kulaMvana ihleli eTroneni, izilawuli nezikumkani nayo yonke into yanikelwa esandleni

Sayo. Xana Wavukayo ekufeni, ukwenzela ugwetyelo lwethu, Wakhwaza kwihlabathini, "Onke amandla eZulwini nasemhlabeni anikelwe esandleni saM. Hambani, ngoko, niye kulo lonke ihlabathi nize nishumayele iVangeli."

Owu Mvana ethandekayo efayo, iGazi Lakho elixabisekileyo
Alinakuze liphele amandla alo,
De lonke iBandla likaThixo elihlawulelweyo
Lisindiswe, lingaphindeli esonweni kwakhona.

88 Sincede, njengabalungiseleli, ekuboneni ukuba sidinga okungako; indlela emasibe nebandla ngayo, kufuneka sibe *nale*, kufuneka sibe nento yonke.

89 Abafazi bethu, phambi kokuba baye ebandleni, noko bazibiza amaKristu, kuyakufuneka babe nohlobo oluthile lwelokhwe, okanye banxibe ngokukhetheke kakhulu.

Kwaye abashumayeli kuyakufuneka babenengako imali phambi kokuba banokuza, kwaye yonke into kufuneka ibe *nje-na-nje*.

90 Owu Kristu, xana ndifunda apha, indlela "ababebhadula ngayo, ngeemfele zegusha neemfele zebhokhwe, behlala emihadini yomhlaba, nasemiqolombeni, babhadula, phantsi kwentshutshiso embi kakhulu, kwaye noko, bafumana uKholo," phantsi kolungiselelo lwezithunywa, siyakusinda njani, xana iNkosi uYesu isinike izindlu ezintle, neemoto, neempahla, nokutya, kwaye siyambombozela, siyahlala nje, siyonqena, asikhe sizame ukuphuma size senze into ethile malunga nayo, siyakusinda njani, Thixo?

91 Owu, ndiyathandaza ukuba Uyakutshisa ukohlwayeka kohlobo lakudala kuyo yonke intliziyo, ngale ntsasa, Nkosi, okokuba abantu bangavuka kwaye babe kuyo. Masisebenze ngelixa ukukhanya kwemini kusakhanyayo, ngokuba ilanga liyatshona ngokukhawuleza. Kwaye impucuko iyemnka, kwaye akusayi kubakho xesha limbi. Iyakudibana kuNaphakade.

92 Owu Thixo, siphe namhlanje ukuba sihambe nombono omtsha, nobulumko, nokuqonda, ukwazi indlela yokusondela kuboni size sibazise kuKristu. Yiva umthandazo wesicaka Sakho, Nkosi.

93 Ndiyacela, ukuba kungabakho nabani apha, abangamaziyo uKristu njengoMsindisi wabo, ningaphakamisa isandla senu nithi, "Ndikhumbule, Mzalwana uBranham"? Ningaphakamisa nje isandla senu, nithi, "Ndikhumbule. Ndifuna ukuba ngumKristu. Andisafuni kungayikhathaleli"? UThixo akusikelele, emva phaya, mhlekazi. Omnye othile? Yithi, "Ndifuna ukuphakamisa isandla sam, Mzalwana uBranham. Ndifuna ukwamkela uKristu, njengoMsindisi wam, ndiye andakhathalela, lonke ixesha. Owu, ndiya ebandleni, ngokuqinisekileyo, ndingowebandla."

AmaHebhere, Isahluko Sesibini 1 XHO57-0825M
(Hebrews, Chapter Two [1])
Imiqulu yeNcwadi YamaHebhere

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi kusasa ngeCawa, ngo Agasti wama-25, 1957, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2021 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org